

INKQUBO  
YOQINISEKISO  
LOKWENYANISO

IMODYULI 1



# INTSHAYELELO YOBULUNGISELELI BENKONZO ISIKHOKELO SOMFUNDI

# Isifundo 2: Wenziwe ngokomfanekiso kaThixo

Funda i-Genesisi 1:26-27

- Abantu bahluke njani kwindalo yonke? Wasebenzisa ntoni uThixo njengomzekelo wakhe ebantwini?
- Zeziphi ezinye zeempawu zika Thixo ezinokufunyanwa emntwini? Chonga ezininzi kangangoko kunokwenzeka.

Funda iNdumiso 139:13 -16

- Isixelela ntoni le ndima ngokubaluleka kwabantu?
- Ngaba ucinga ukuba le ndima isebenza kuphela kubantu abathile okanye kubo bonke abantu?







## **Ingxoxo Yeqela Elincinci:**

- Ngobani abona bantu abajongelwa phantsi?
- Zeziphi ezinye iindlela esinokubonisa ngazo abantu ukuba babalulekile kuThixo?

# Isifundo 4: Luka 2:52 Itshati

| Umxholo  | Iindawo zokukhula kukaYesu |         |           |             |
|--|----------------------------|---------|-----------|-------------|
| Ukukhula   | Ubulumko                   | Umzimba | Ngokomoya | Kwezentlalo |
|  <p><b>Mna</b></p>      |                            |         |           |             |
|  <p><b>Usapho</b></p>  |                            |         |           |             |
|  <p><b>Icawa</b></p>  |                            |         |           |             |
|  <p><b>Uluntu</b></p> |                            |         |           |             |

# Isifundo 5: Itshati Yeendlela Zokunceda

| Isimo  | Iindlela ibandla elinokunceda ngazo |
|--|-------------------------------------|
| <b>Ulambele</b><br>                 |                                     |
| <b>Unxaniwe</b><br>                 |                                     |
| <b>Uhamba ze</b><br>               |                                     |
| <b>Ukuswela ikhusi</b><br>        |                                     |
| <b>Uyagula</b><br>                |                                     |
| <b>Ukuvalelwa etilongweni</b><br> |                                     |

## Isifundo 6: Umfundisi Yong

Kwakukhe kwakho umfundisi wecawa encinane kwidolophana elihlwempuzekileyo, kwidolophu enkulu. Igama lakhe lalingu Wong. UWong wayesandula ukufudukela eluntwini kuba wayeziva ethunywe nguThixo. Ibandla lalilincinane – malunga nabantu abangama-40. Babengabafazi nabantwana ikakhulu. UWong wayenemisebenzi emibini. Wenza konke okusemandleni akhe ukufundisa umhlambi wakhe omncinane, kwaye wayesebenza komnye umsebenzi ukuze ondle inkosikazi yakhe kunye nabantwana bakhe ababini abanincinci.

Ngenye imini, njengesiko/isiqhelo sakhe, wavuka iyure ngaphambi kokusa ukuba abe nexesha labucala noThixo. Waphakama, wanxiba, kwaye watsiba ethe cwaka edlula ikhethini elahlula indawo yokuhlala yendlu yakhe kunye negumbi lokulala ukusuka kwindawo ahlala kuyo umfazi nabantwana. Walayita isibane sakhe separafini. Waqalisa ukufunda kwiBhayibhile yakhe. Ngale ntsasa, wayefunda u-Isaya, Isahluko 58, kwaye wayeva ukukhala kukaThixo malunga nohlobo lokudumisa alufunayo:

Ngaba le ayisiyiyo indlela yokuzila endiyikhethileyo: Ukukhulula imixokelelwano yentswela – bulungisa nokukhulwa kwiintambo zedyokhwe zobukhoboka ukukhulula abacinezelweyo, bazaphule lidyokhwe zonke? Ngaba asikokwabelana ngokutya kwakho nabalambileyo kwaye unike umntu ongudingayo ohluphekileyo xa ubona ohamba ze, umambese, kwaye ungashiya isihlobo sakho, inyama yakho yegazi?

UWong akasaqhubekanga. Intliziyo yakhe yalwa nengqondo yakhe. Ukuba uThixo ubakhathalele kangaka abahluphekileyo, kwakutheni ukuze uWong azifumane ephakathi kwendlala kunye nokubandezeleka okwaphula intliziyo yakhe?

Wayeyazi indlela ababephila ngayo abantu ekuhlaleni. Babecinezelwe ngokwenene. UWong ngokwakhe wayengenanto eyaneleyo yokondla usapho lwakhe kwaye wayehlala engenakwazi ukubathengela iyeza abalifunayo. Wacinga, “Uphi na uThixo?” Singaphila kanjani esi Sibhalo kwezimfuno zalapha ekuhlaleni?

Ngelixa asokolayo zezi ngcinga kwankqonkqozwa kuthulekile emnyango. “Inokuba ngubani, ekuseni kangaka?” Wacinga uWong. Waya emnyango. “Ngubani”? Ilizwi kwelinye icala lathi, “Ndingu Yesu, Wong” Ngubani? Ubuzile uWong, “ndingu Yesu, Wong, liphendule ilizwi”. Ungubani kanene? Wabuza uWong. Ilizwi laphendula, Wong, ndingu Yesu. Ndize ndiva isikhalo sentliziyo yakho. Ndifuna undibonise into ekukhathazayo”.

Ilizwi lavakala ngokwenyani. UWong ngononophelo wavula iletshi lwavuleka ucango. Kwakuse kumnyama kwaye uWong wayebona kuphela umfanekiso, kodwa kwakubonakala ngathi wayecinga ukuba ngubani uYesu. “Ngena, Nkosi, utshilo uWong.” “Hayi, Wong, ndifuna ukuba undihambise, undidlulise kwindawo ohlala kuyo kwaye undibonise ukuba yintoni le ikuphula intliziyo”. Ndisamangalisiwe, uWong wavuma, walumkisa, “Kuzakufuneka

sihambe ngononophelo - bekune imvula kakhulu, ininzi inkunkuma, kwaye asinazo izindlu zangasebe ezininzi.”

Njengokuba behamba kwizitalato zoluntu, uWong uxelele uYesu amabali ezindlu, abadlula kuzo. Kuleyo kwakuhlala umfazi owazithengisayo ukondla abantwana bakhe

Kwityotyombe elilandelayo bekukho indoda enxilayo ibibetha umfazi nabantwana bayo ngalo lonke ixesha inxilile – nto leyo ibisoloko isenzeka. Ngaphaya kwale yayilikhaya likamongameli, wasekuhlaleni, indoda eyonakeleyo bubuqhophololo eyayiphanga imali ngesithembiso sokufumanela umbane eluntwini – kodwa wayisela wayigembula yaphela.

Badlula kwindawo evulekileyo embindini woluntu. Kwakufanele ukuba kube yindawo yoluntu, kodwa yayigcwele inkunkuma inuka kakubi kunye neempuku ezibalekayo.

“Uyayibona laa ndlu?” Wabuza uWong, esolatha kwityotyombe elisecaleni kwenduli.

Umfazi kunye, nabantwana abane bahlala phaya. Uphahla luvuza – kakubi. Bahlwempuzeke kakhulu. Banokutya okuncinci okanye ukunxiba, kwaye bahlala begula rhoqo”. Ngelixesha bobabini babesemaphethelweni enduli apho uluntu lwakhiwe khona. uWong wakhomba kude. “Indlela eszantsi phaya – kulapho abafazi nabantwana bahamba khona ukuya kukha amanzi. Akukho manzi kule ndawo”.

UWong waqala ukujika ikona, kodwa weva ukukhala kancinci. Wajonga ngakwisandi.

Yayingu Yesu – uYesu wayelila. UWong wabona ukuba kwa ezo zinto zaphule intliziyo yakhe zaphule intliziyo ka Yesu. UWong waqala ukuthetha, kodwa uYesu wolula isandla wambeka ecaleni kwakhe uWong, wamjonga, wathi, “Wong, ndifuna ukubonisa ukuba zithini iinjongo zam malunga noluntu lwakho”.

Ngokukhawuleza, uWong wazifumana ejonge phantsi eluntwini. UYesu waqala ukuthetha, kwaye uWong wazibona izinto ezichazwe nguYesu – zazisenzeka. UYesu wathetha ngabantu bebandla lika Wong – behlupheke benjalo – babebelana ngoko babenako nabamalwane babo abangamahlwempu. Yonke imihla, bebegcina irayisi encinci kwaye bayifaka enkonkxeni. Ekupheleni kweveki, ngamnye kubo wayenetoti epheleleyo yerayisi ababeza nayo ecaweni ukuze babelane ngayo, ngegama lika Yesu, nabantu basekuhlaleni ababenemali encinci kunabo. Benze njalo nangesepha. Oomama became batyelela abahlolokazi ekuhlaleni kwaye “babamkela” – ukubanceda bahlambe, bapheke, kwaye bakhathalele abantwana babo xa begula.

UYesu wathetha ngomsebenzi, kwaye uWong wabona ukuba abantu banomsebenzi.

Ayisiyiyo imisebenzi ephezulu ehlawulayo, kodwa yimisebenzi enika isidima kwaye ihlawule ngokwaneleyo ukuhlangabezana nezinto eziyimfuneko. UYesu wathetha ngezindlu, kwaye uWong wabona amatyotyombe angenisa ingqe nemvula etshintshwa aba zizindlu. Ayizizo izindlu ezintle, kodwa zizindlu ezazikhuselekile kwaye zicocekile. UYesu wathetha ngamanzi, kwaye ngequbuliso kwabakho imibhobho emileyo kwiindawo ezifanelekileyo apho abafazi nabantwana bafumana amanzi acocekileyo. UYesu wathetha ngogutyulo lwelindle, kwaye

uWong wabona ukuba kukho zindlu zangasese – hayi enye kuzo zonke izindlu, kodwa zanele ukuba wonke umntu akwazi ukufikelela kuzo. Kwaye inqwaba yenkunkuma embindini woluntu ihambile. Endaweni yoko, kwakukho imithi emincinci kwaye abantwana behleka kwaye bedlala, bekhamba ibhola. Kwakhona uYesu wathetha malunga nokuguqula ubomi, kwaye uWong wabona ukuba umfazi owayethengisa umzimba wakhe ngoku uxhasa abantwana bakhe ngomsebenzi ohlonipheleliyo. Inxila ngoku yayingumyeni notata onothando. Umongameli wayengasebenzisi mali ngokunganyaniseki kodwa wayanceda uluntu.

UYesu wathi “Wong, jonga ibandla!”. Wong wajonga. Kwakugcwele. Kwakukho amadoda apho. Abantu babonwabile. Babedumisa uThixo ngenxa yokulunga kwakhe. Kwakukho uWong, eshumayela, efundisa, kwaye ekhokela abantu bakhe ngoMoya Oyingcwele nakwizenzo zothando oluthobelayo. UYesu ucacisile “Wong, lo mbono yinjongo yam ekuhlaleni kwakho. Ndifuna wabelane ngalo mbono kwaye uqale ukukhokelela abantu kuwo.

UWong waqala ukuqhankqalaza, “Kodwa, Nkosi, sihlwempuzekile!” “Wong” wabuza uYesu ezolile, Ngubani okhokele abantwana bakwa Sirayile ngaphesheya koLwandle olu Bomvu? Ngubani owandisa izonka neentlanzi wondla amawaka amahlanu amadoda kunye nabafazi nabantwana? Ngubani owandisa ioyile nomgubo womhlolokazi wase Zerafati eyayanele ukondla usapho lwayo iminyaka emithathu yendlala? Ngubani owazolisa uLwandle lwase Galili?” “Uyenzile Nkosi,” utshilo uWong. “Emva koko, Wong, thobela le nto endikucela yona. Yabelana ngento onayo, nangona incinci. Bhengeza iijongo zam ezilungileyo nabantu bakho – ngokwasemoyeni nangokwenyama. Ndiya kuliphilisa ilizwe lakho!”

UWong weva umqhagi ukhala. Umfazi wakhe wakhohlela waxhokonxa kwelinye icala le khetheni. Wayehleli etafileni, kodwa isibane sakhe sasicinyiwe. Kwaye kukhanya. UWong ujonge ecaleni lika Yesu kodwa akazange ambone. Wazibuza, “Ngaba bendiphupha?” “Ngaba ibingumbono?” Wayengazi, kodwa uWong wayesazi ukuba wayehlangatyezwe ngu Yesu kwaye wayenolwazi olutsha ngokukhathala lukaThixo ngamahlwempu.....nombono omtsha wendlela awayeza kukhokela ngayo abantu bakhe ukubonisa uthando lukaThixo kwindawo yakhe.

- Zeziphi ezinye zeenqxaki ezifumaneka kuluntu luka Mfundisi Wong? Yahlula ezingxaki zibe zintlu ezine. Ezomoya, zentlalo, ezomzimba nezengqondo.
- Yayintoni injongo kaThixo ngoluntu/umphakathi? Yiya kwingxaki, nganye kwaye ujonge into uYesu awasibonisa esisisombululo.
- Yintoni uYesu awathi uMfundisi Wong ayenze?

# Isifundo 6: Imeko Yokufunda kuka Jose & Maria

Indlu kaJose no Maria isandula kutsha; akukho nto iseleyo. Izolo,--- bona nabantwana babo abahlanu – bahlala nezalamane. Nangona kunjalo, sele bekho abantu abali 10 abahlala kule ndlu incinci kakhulu, ke akukho ndawo yabasixhenxe ngaphezulu. uJose ungumfam kwaye sele egqibile ukutyala intsimi yakhe encinci, kodwa kusekho ezinye iinyanga ezintathu ezisele ade avune. Uchithe yonke imali anayo kwimbewu yentsimi yakhe kwaye konke anako kutshiswe ngumlilo.

Zeziphi ezinye zeemfuno zolu sapho?

Zeziphi ezinye zezinto ezikhoyo eluntwini enkuncedeni?

- Abantu
- Izixhobo
- Izixhobo

